



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2013

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama-23.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Nceda ufunde eli phepha ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiququlatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|-------------|---------------------|------|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |
4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.
5. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo omNYE okhethwe nakwawaphi amacandelo amaBINI. Sebenzisa uluhlu lokukhangela ukukunceda.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| ICANDELO A: INOVELI | | | |
|---|-------------------|-----------------|--------------------------|
| Phendula umbuzo ube MNYE kweli candelo. | | | |
| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
| 1. <i>Kusa Kusihlwa</i> | Umbuzo omde | 35 | 5 |
| OKANYE | | | |
| 2. <i>Kusa Kusihlwa</i> | Umbuzo omfutshane | 35 | 5 |
| OKANYE | | | |
| 3. <i>Umqol'uphandle</i> | Umbuzo omde | 35 | 8 |
| OKANYE | | | |
| 4. <i>Umqol'uphandle</i> | Umbuzo omfutshane | 35 | 8 |
| ICANDELO B: IDRAMA | | | |
| Phendula umbuzo ube MNYE kweli candelo. | | | |
| 5. <i>Ndiyekeni</i> | Umbuzo omde | 35 | 11 |
| OKANYE | | | |
| 6. <i>Ndiyekeni</i> | Umbuzo omfutshane | 35 | 11 |
| ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE | | | |
| Phendula umbuzo ube MNYE kweli candelo. | | | |
| 7. <i>'Ndakuyicela Ivuthiwe'</i> | Umbuzo omde | 35 | 15 |
| OKANYE | | | |
| 8. <i>'Ndakuyicela Ivuthiwe'</i> | Umbuzo omfutshane | 35 | 15 |
| ICANDELO D: ISIHOBE | | | |
| Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli candelo. | | | |
| 9. <i>Ukungcwatywa kwetalente</i> | Umbuzo omfutshane | 17½ | 18 |
| OKANYE | | | |
| 10. <i>Umanyano</i> | Umbuzo omfutshane | 17½ | 19 |
| OKANYE | | | |
| 11. <i>Inkonjane</i> | Umbuzo omfutshane | 17½ | 20 |
| OKANYE | | | |
| 12. <i>Bafana Bafana</i> | Umbuzo omfutshane | 17½ | 22 |

ULUHLU LOKUKHANGELA

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA |
|--|------------------------|------------------------------------|----------------|
| A: INoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 1–4 | 1 | |
| B: IDrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 5–6 | 1 | |
| C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 7–8 | 1 | |
| D: Isihobe | 9–12 | 2 | |

QAPHELA: Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi iCandelo kula, A, B, noC.
Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCandelo D.

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

Impixano yenye yezinto eziphambili kule ncwadi. Ngqina oku ngokubhekiselele kwaba balinganiswa:

- UNomakhwezi
- ULungile

(190–240 amagama)

[35]

OKANYE**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela****ISICATSHULWA A**

2.1 Funda ngocoselelo isicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

Namhlanje ubebanjelwe ngamaphupha athe akuwazikisa akawathanda. Akakhange azikhathaze ngokuxelela inkosikazi yakhe.

Uphuphe ngathi uvuswa kukukhala kwesikhova athe akukroba wafika sithe ngcu phezu kwemoto yakhe. Uthe akusileqa sabuya saya kungena evenkileni. Uphume nesikhuni somlilo wasigibisela ngaso yasuka yantumekeka ngomlilo yonke ivenkile. Khangela ke ukuziphosa kuyo ezama ukusindisa impahla encediswa ngabantu.

Ithe yakungena inkosikazi suka lwavaleka nocango olu lukhulu batshixeleka ngaphakathi. Batsha. Uthe etoshatsha ezama ukuvula suka waphaphama kanti sekusile kwaye kusemini. Eli phupha ulixelele uYolisa. NoThamsanqa ufike wamxelela ukufika kwakhe ukusuka emzini wakhe. Umntu ongakhange axelelwe yimazi le kuba kaloku ibisisisifu.

Le ngxabano yabo yeveki ephelileyo yavakala ebantwini ngokubanzi kuba kaloku umphembi wayo wakha wazihambahambisa ukuza kuva ukuba **izele nkomo ni na**. Uthe akuhletyelwa yitshomikazi le, wayisasaza ngakumbi elokishini. Le nto yenze ukuba uninzi lwabantu lonqene ukuza kule venkile ngenxa yokoyikiswa kwanguNozililo ngelithi uMaDlamini uporhela wonke ubani, ingakumbi izihlobo zikaLungile noThamsanqa.

Ngale mini yangoMgqibelo bekuza kuyiwa eStanger kwisizalwane sabo.

2.1.1 ULungile uphupha esibona sihleli phi isikhova? (1)

2.1.2 Wenze ntoni uLungile akusibona isikhova? (1)

- 2.1.3 ULungile wayesenza iinzame zokuvula ucango. Khetha igama elibonisa oko. (1)
- 2.1.4 Akakhange azikhathaze ngokuxelela inkosikazi yakhe. Ngubani igama lale nkosikazi? (1)
- 2.1.5 Nika isizathu sokuba uLungile angayixeleli inkosikazi yakhe ngephupha. (1)
- 2.1.6 Buyintoni ubudlelwane bukaThamsanqa noLungile? (2)
- 2.1.7 Ngubani igama lalo 'mphembi' wengxabano ukhankanywe apha kwisicatshulwa esingasentla. (1)
- 2.1.8 Le ngxabano ikhankanywe ngasentla yafikelela kubantu abaninzi. Chonga ibinzana elingqina oku. (2)
- 2.1.9 Nika intsingiselo yeli binzana lithi, '... izele nkomo ni na'. (2)
- 2.1.10 Izoyikiso ezibubuxoki zikaNozililo zibe nafuthe lini eluntwini? (2)
- 2.1.11 ULungile nosapho lwakhe babesiya kwenza ntoni eStanger? (2)
- 2.1.12 Xela ulwalamano (ukuzalana) olukhoyo phakathi kwephupha likaLungile nengozi yemoto eyabahlelayo. (2)

ISICATSHULWA B

2.2 Funda isicatshulwa uze uphendule imibuzo oyinikiweyo.

'Mnu. Makhwetshu le nto uyizeleyo ayizi kulunga kuba indawo yokuqala andiqondi ukuba igama lalo mntu uthetha ngaye lingakhona kuba le venkile ayizange ithengwe kuye. Phofu ke andingephimiseli ngentetha kuba ubungqina bungafumaneka ezincwadini ezingekho apha ngoku. Zihlala ezibhankini nasemagqwetheni alo mzi. Akulula ukuzifumana.'

'Ke, unani ungayi kuziphuthuma nje?'

'Ndiziphuthumele loo nto? Liza kuvela phi ixesha laloo nto? Mani, andiqondi ukuba uyayiqonda into yokuba ndindedwa kwaye kuxakekekile.'

'Uthetha ukuthi woyiswa kukuchitha iyure ibenye ulungiselela mna? Kanene ngoku Thamsanqa senzibona nibalulekile nibhabhela emafini ngendlela eningayaziyo. Ngoku kunzima nokuba umntu makancede omnye umntu.'

'Uthe kanti uzele luxakaxa. Mos, akuzanga kuza kufuna ncedo koko uze kufuna enye into. Into ebhetele kukuyibiza ngegama ungayiteketisi uthi yinombolo yedompasi. Asiyi-ofisi yamapasi le apho kugcinwa khona iinombolo.'

Kwesi sithuba uye wafinifiniza uNtongana kubonakala ukuba uyacaphuka. Iqhinga lakhe nalo libe lelokuba amgrwangxule angamtyhafeli mhlawumbi wojika iingqondo ukuba ebexoka. Baye benyusana ngentetho kuba noThamsanqa ngokwakhe iye yamcaphukisa le nto yokuza kovuyavuywa ezisebenzela.

- 2.2.1 NgokukaThamsanqa iincwadi ezinobungqina bomnini wevenkile zingafumaneka phi? (2)
- 2.2.2 Ibinzana elithi, 'nibhabhela emafini', lithetha:
- A Ukuhamba ngenqwelo-moya.
B Ukuba yintaka.
C Ukuba ngumntu obhetele kunabanye. (1)
- 2.2.3 UThamsanqa uthetha ukuthini xa esithi makangayiteketisi into ayifunayo uNtongana? (2)
- 2.2.4 Ngubani igama lalo mntu uMnu. Makhwetshu athetha ngaye? (1)
- 2.2.5 Le venkile kuthethwa ngayo uLungile wayeyithenge kubani? (1)
- 2.2.6 UThamsanqa ukhala ngokuba uyedwa, bayephi abanini bevenkile? (1)
- 2.2.7 Akungayifumani le ebeyizele kuThamsanqa uNtongana nenkosikazi yakhe babhenele entweni ni? (1)
- 2.2.8 UNtongana uzotywe wangumlinganiswa onjani? (2)
- 2.2.9 Ingaba ezi ncwadi zifunwa nguMnu. Makhwetshu zazikuThamsanqa? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.2.10 Chaza intsingiselo yesi sivakalisi. 'Uthe kanti uzele luxakaxa.' (2)
- 2.2.11 UNtongana ebesenza izinto azixelelwa ngumfazi wakhe. Ngqina oku. (2)

[35]**OKANYE**

UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)**UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani**

Impixano yenye yezinto eziphambili kule ncwadi. Ngqina oku ngokubhekiselele kulo mlinganiswa:

- UHlobo

(190–240 amagama)

[35]

OKANYE**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani****ISICATSHULWA A**

4.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Lo ngumyolelo wam wokugqibela endiwenza ndiwufungele phambi kwamangqina amathathu, ndisezingqondweni zam ezipheleleyo:

'Ekufeni kwam, ndinga ilifa lam lingabiwa ngolu hlobo:

- Isiqingatha semali yam ndinga singanikwa i*Moonglow Night Club* yaseMonti, isetyenziswe ngendlela eyothi iwukhulise umbutho, undiliseke, ube nesidima nomtsalane KWIINDIDI ZONKE ZABANTU.
- Esinye isiqingatha semali ndinga singanikwa umbutho weemfama zabaNtsundu, isetyenziswe ngendlela eyothi izenze ezi mbedlenge zingazivi zihlelelekile phakathi kwabanye abantu abanethamsanqa lokuba nawo onke amalungu omzimba.
- KuLinda Monti, ndishiya uthando lwam ngenxa yokunyaniseka kwakhe kolwakhe uthando kum. Esinye isipho esingephi kule nzwakazi, ngumashini *wetape recorder* oselugcinweni oluthembekileyo. Ukuba uLinda uyayazi inkolo ebendinayo kuqoqosho lwemali – njengoko ndithemba ukuba uyazi – nguyeye oya kuyazi indawo endiwugcine kuyo lo mashini.
- Yonke into eyenye, ndiyishiya kumakazi wam, uNksk. Norah Hobe oseNo.32 B Location, kuKomani. Oku kukumbulela ngendlela awathi wandikhulisa ngayo."

Wanga uphambene uHlobo kwakufika kwindawo ethetha ngetape recorder. Ukhangele umhla owawenziwe ngawo lo myolelo; wawenziwe kwisithuba seenyanga ezintlanu phambi kokuba afe.

4.1.1 Nika igama lalo mntu wenza umyolelo? (1)

4.1.2 Nika igama lombutho awushiyele isiqingatha semali yakhe lo mntu umxele kumbuzo 4.1.1. (1)

- 4.1.3 Uyalela ukuba isetyenziswe njani le mali ngulo mbutho uwuxele kumbuzo 4.1.2? (1)
- 4.1.4 Xela isipho sibe sinye lo mntu wenza umyolelo athe wasishiyela uLinda. (1)
- 4.1.5 Nika igama lendawo ahlala kuyo umakazi walo mntu wenza lo myolelo. (1)
- 4.1.6 Lo myolelo wenziwe kwisithuba sexesha elingakanani phambi kokuba asweleke lo mntu uwubhalileyo? (1)
- 4.1.7 Yeyiphi into eyamenza aphambane okaHlobo akuva ngayo kulo myolelo? (1)
- 4.1.8 Nika isizathu esibangela ukuba abe nomdla kangaka kwesi sixhobo usikhankanye ku 4.1.7. (2)
- 4.1.9 Xela iindawo ezimbini uHlobo awakhangela kuzo esi sixhobo usikhankanye kumbuzo 4.1.7. (2)
- 4.1.10 Ucinga ukuba kwakutheni ukuze esi sixhobo siku 4.1.7 sigcinwe kule ndawo safumaneka kuyo? (1)
- 4.1.11 Esi sixhobo sikumbuzo 4.1.7 saba luncedo njani kuHlobo? (2)
- 4.1.12 Ingaba uEddie wenza ubulumko ngokubeka esi sixhobo kwindawo ekhuselekileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.1.13 Yayiyintoni eyona njongo kaThembisa yokuzenza inkosikazi yakwaHobe? (2)

ISICATSHULWA B

4.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Awayeyivile wayeyazi yedwa, engafuni kuyiphalaza nasemapoliseni, nakwigqwetha lomngalelwa. Inye awasuka wayicela yeyokuba makumiswe ityala. Wonke ke umntu wayejonge kuye ngomdla. NoLizzie, unobhalana wakhe owayeqhele ukutyhilelwa iimfihlo, wafa namthanyana kwezaloo mini iindaba.

Athi amapolisa ukuze aqonde ukuba ikho ayimithiyo uHlobo, eva isicelo sakhe sokuba imoto yakhe mayifakwe unomathotholo wokusasaza ngomoya, esithi ufuna abe nakho ukuthetha nomzi wamapolisa nangaliphi na ixesha, nakweyiphi na indawo.

Iincutshe zalo msebenzi wokufaka unomathotholo emotweni zasebenza ziqukwe zonke, yangamaxhaphetshu noduntsuduntsu, kunonotshelwa bonke ubugocigoci nobucilocilo. Injongo yayikukuba kungabikho nencikane impazamo xa kufuneka uHlobo esemcimbi – umcimbi ongaziwa bantu.

Kwangemiyalelo kaHlobo, ziphangelisiwe nazo iingcali zenjini yemoto, kukhandwa neqhele lokugqibela elibonakalisa ukuxengaxenga. Izinto ezingabonakalisi konakala ngeliso lenyama zazivavanywa nazo. Amavili wona anxietywa izihlangu ezitsha kraca; waqala ke ukwaneliseka okaHlobo.

Uthe xa agodukayo ukutshayisa kwakhe, washiya imiyalelo yokugqibela: 'Thina, madoda akwaNontsasana, safunga ukuba sophangela emini nasebusuku.

Zenihlale nisikhumbula esi sifungo, nilale niphaphama ngobu busuku banamhlanje.'

Engekafiki ekhaya, ukhe waphambuka, wabetha kuhle ukusinga e'Phathaphatha *Hotel* edolophini.

- 4.2.1 Yintoni athe wayicela uHlobo ukuba mayenzeke phambi kokuhlalelwa kwetyala? (1)
- 4.2.2 Sesiphi esinye isicelo awaphinda wasenza malunga nemoto yakhe. (1)
- 4.2.3 Chonga isivakalisi esibonisa ukuba le moto yasetyenzwa kakuhle kungadlalwa ngexesha ilungiswa. (1)
- 4.2.4 Yayiyintoni injongo yokuba uHlobo ayalele ukuba imoto yakhe ilungiswe ngolu hlobo? (1)
- 4.2.5 Lo mfo uyintoni umsebenzi wakhe? (1)
- 4.2.6 Caphula apha kwisicatshulwa isifungo athi senziwa ngabakwaNtsasana. (1)
- 4.2.7 Ucinga ukuba yintoni isizathu esibangele adlule ePhathaphatha *Hotel* xa agodukayo? (1)
- 4.2.8 'Awayeyivile wayeyazi yedwa ...' Ucinga ukuba yintoni le wayeyivile nemenza ukuba achulumance ngolu hlobo uHlobo? (2)
- 4.2.9 Nika intsingiselo yeli binzana, 'wafa namthanyana'. (2)
- 4.2.10 Yintoni eyenza ukuba lo kaHlobo athethe la mazwi uwaxele kumbuzo 4.2.6? (2)
- 4.2.11 Abonisa ukuba uHlobo ngumntu onjani malunga nomsebenzi wakhe la mazwi uwaxele kumbuzo 4.2.6? (2)
- 4.2.12 Ucinga ukuba basekhona abacuphi abafana noHlobo kweli xesha siphila kulo? Ewe/Hayi. Xhasa impendulo yakho. (2)

[35]**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

ICANDELO B: IDRAMA**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)****NDIYEKENI – DM Jongilanga**

Impixano yenye yezinto eziphambili kule ncwadi. Ngqina oku ngokubhekiselele kwaba balinganiswa:

- ULoni
- UNdila

(190–240 amagama)

[35]

OKANYE**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDIYEKENI – DM Jongilanga****ISICATSHULWA A**

6.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

| | |
|----------|---|
| FUNEKA: | Look Wonga <i>boy</i> , yiba yindoda. Sonke asithathi kulo mthi kodwa le yimini eyodwa. <i>Take a sip</i> . Kuyadlalwa qha ke. |
| MAWONGA: | Ndiyakuxelela ukuba andithathi. |
| ZANELE: | Sukuzikhathaza bhuti wam unikwa <i>iappetizer</i> nje. |
| JERRY: | <i>Lonizer, don't be funny man, when in Rome do as the Romans do. (Athabathe ziintloni kuba wonke umntu wayesele emi ngaye)</i> . Masinyuke – UThixo abe nawe ngonaphakade (<i>zingqubane iglasi</i>). Mpilonde, uthamsanqelege ubheke phambili. (<i>Zingqubane zithiwe gongqololo kuhlaliwe phantsi kujikeleziswe izityo</i>). |
| MANDLA: | Jerry, sidlule kummango wobungcathu ngoku... |
| MAWONGA: | Zanie girl, masidanise (<i>Bakhwel'umqolo wenamba</i>) Khulula umzimba <i>baby</i> . |
| ZANELE: | Ndenziwa bubuqhitala papa. |
| MAWONGA: | Intaba liliso lomlambo iliso lomntu luthando. |
| ZANELE: | Itshi! Kanene amadoda asimabhenqa. |
| MAWONGA: | Le nyamazana ayinasikhundla sinye. Yintyatyambo enomhlola ekhula endlwini ibuye ihle nasemoyeni (<i>Amsondeze</i>) <i>Give me your soul baby</i> . |

ZANELE: Cwaka. (*UZanele anele nje ukumjonga ngamehlo athethayo bancumelane. Yazala indebe; bahlala phantsi basingathana. Laqhutywa itheko kwasa tya. Kwathi kubetha intsimbi yesibini ekuseni babe abantu beziindwane ...*)

- 6.1.1 Yintoni eyamenza uMawonga ayithathe iglasi? (1)
- 6.1.2 Eli theko lenzelwa phi? (1)
- 6.1.3 Kwakubhiyozelwa ntoni kweli theko? (1)
- 6.1.4 Yayiyintoni injongo yokumenywa kukaMawonga kweli theko? (2)
- 6.1.5 Ingaba le njongo uyikhankanye kumbuzo 6.1.4 yaphumelela na? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 6.1.6 UJerry xa esithi masinyuke uthetha ukuba:
- A Masithandaze
B Masiphakamise iiglasi
C Masihambe (1)
- 6.1.7 Athetha ukuthini amazwi athi, 'Sidlule kummango wobungcathu ngoku'. (2)
- 6.1.8 Ingaba uMawonga wayesazi ukuba wenzelwa iyelenqe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 6.1.9 Kwakutheni ukuze uJerry athi kuMawonga makangabi 'funny' makenze njengoko kusenziwa eRoma? (2)
- 6.1.10 Ucinga ukuba ngekwakwenzeke ntoni ukuba uMawonga wayengaselanga kweli theko? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 6.1.11 Umbhali usixelele njani ukuba izinto zenzeke ngokomnqweno kaZanele? (2)

ISICATSHULWA B

6.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

NJOBE: Ziziphi iindawo ebethanda ukubutha kuzo. (*Cwaka.*)

MAQHINGA: Sithetha iindawo ebesela kuzo.

THANDIWE: Ubekholisa ukusela kwaThulethu, kodwa indawo ebesehlala kuyo kukwaFuneka.

NJOBE: UFuneka lo uyintoni kuye?

THANDIWE: Kulapho kuhlala uZanele owandihlutha umfi lo.

| | |
|-----------|---|
| MAQHINGA: | O! Mandithi nkosikazi ucinga ukuba ngumntu wakhe? |
| THANDIWE: | Andicingi ndiyanixelela nakuba ke phofu ndiva ukuba ngoku ufe selegxothwa apho oko waphelwa ngumsebenzi. |
| NJOBE: | Mh-----Umfi lo umgqibele nini? |
| THANDIWE: | Ngosuku olwandulela olu acholwe ngalo. Zange atye imini yonke, wemka ngorhatya, seva isithonga kwakusa. |
| MAQHINGA: | O! Uhlala phi uFuneka lo noZanele? |
| THANDIWE: | Apha kwaN.U.3. |
| NJOBE: | Siyabulela nkosikazi. Sisagqibile okwangoku. (<i>Baphume baphindela eofisini apho bafike sekukho uNomawele Ngaliphi</i>). |
| NJOBE: | Uthini sisi wam? Singakwenzela ntoni? |
| NOMAWELE: | Ndifuna ukukubona bucala sajini. (<i>Bangena kwelinye igumbi</i>). |
| NJOBE: | Ukhalaza ngelithini? |
| NOMAWELE: | Lo mcimbi ndiyawoyika. Ngobusuku obu phambi kobu asweleke ngabo utitshala lo zange silale kwesiya sitalato enkqonkqoza kwaFuneka ekhala ngemali yakhe ephelele apho. Akazange avulelwe. |
| NJOBE: | Uqonde ngani ukuba akazange avulelwe? |
| NOMAWELE: | Sasikrobile, sambona xa emkayo. Ndigqithe apho. Ngobu busuku kuse efile, sothuswa sisikhalo esikrakra phaya kwaFuneka sabuya sayeka ... |

- 6.2.1 Yintoni umsebenzi waba bantu bathetha noThandiwe? (1)
- 6.2.2 Kwenzeka ntoni apha? (1)
- 6.2.3 Bunzima buni obunyanyezelwe nguThandiwe ngomyeni wakhe? (2)
- 6.2.4 Ingaba uNomawele waba luncedo kuNjobe ngenkcazelo yakhe? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 6.2.5 Yeyiphi impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
- A UMawonga wabulawa nguThandiwe.
- B UMawonga wafunyanwa sele efile.
- C UMawonga watshayiswa yimoto. (1)
- 6.2.6 Ingaba yinyani okanye bubuxoki ukuba imali kaMawonga yatyiwa kwaFuneka? Xhasa impendulo yakho. (2)

- 6.2.7 Ukungavulelwa kukaMawonga kwaFuneka yayisisenzo esifanelekileyo? Ewe okanye Hayi. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 6.2.8 Wawuvakalisa njani umothuko uZanele akubona isidumbu sikaMawonga egumbini lakhe? (2)
- 6.2.9 Yintoni ebilindelekile kuFuneka noZanele emva kokubona isidumbu sikaMawonga? (2)
- 6.2.10 Ingaba isiphelo sikaFuneka noZanele sesibafaneleyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[35]**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)****NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa****Ndakuyicela ivuthiwe**

Bonisa impixano yangaphandle neyangaphakathi kweli balana.

(190–240 amagama)

[35]**OKANYE****UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)****ISICATSHULWA A**

8.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Itutu laseTikitiki

Iphele intlanganiso notitshalakazi webanga lesithathu kungekho mvisiswano phakathi kwale titshalakazi noMdesalini. Nakuba le titshalakazi ibinamava eminyaka emithathu ingumhloholi imunce iintupha isithi ixolel'ukumila ingca emqolo kunokuba ibe izamana nokuqokelela umntwana osimilo siqaqadekileyo. Iguqukele kwinqununu yathi, '*Mhlekezi, ndixolele ukuya kuxobula amakhasi ombona ekhaya eXabane endaweni yokuxambulisa nenkwenkwe engenasimilo*'. Ithethe oku ititshalakazi yatsho yathi khwitshi isishiya esi sibini sithe caa izisini.

UMdesalini uyibone iyinkinge emthumeni into yonyana wakhe yaye uqonde mhlophe ukuba ititshalakazi yebanga lesithathu ayifuni negqabi letapile ukuba ingaphinda ibe nanto yakwenza noThobile. Ugqibe kwelokuba endaweni yokutyibela amakhambi kwinqununu yesikolo kungcono amkhuphe unyana wakhe kwesi sikolo ebekucaca ukuba unyana wakhe ungumahlwa nofele kuso.

Indoda enkulu ithambekile kwisikolo sakuCingco apho icelele khona unyana wayo indawo yokufunda.

Wamkelwe uThobile kuCingco nakuba unyaka ubesel'uthambekile nje. Ufike nakwesi sikolo watshatshela kwizifundo zakhe yaye wahlukene nomkhuba wokusoloko edlalisa abanye abantwana ngexesha lokufunda kuba uyise ubemtyityimbisele umnwe kulo mbandela. Apha kuCingco uThobile akanelanga nje ukubagqwesa abanye abafundi ezifundweni, koko ubeyintshatsheli nakubusela.

8.1.1 Utitshalakazi lo kuthethwa ngaye ufundisa eliphi ibanga? (1)

8.1.2 Badibene ngantoni uMdesalini notitshalakazi ngale mini? (1)

8.1.3 Xela isizathu sikatitshalakazi esibangela ukuba angafuni nto yakwenza noThobile. (1)

- 8.1.4 Caphula amazwi katitshalakazi athetha ukuba wayexolele ukuyeka ukusebenza kweso sikolo kunokuba abe exoxisana noThobile. (1)
- 8.1.5 Saba yintoni isigqibo sikaMdesalini ngoThobile emva kwale ntlanganiso? (1)
- 8.1.6 Watyityinjiselwa umnwe ngantoni uThobile nguMdesalini kwisikolo sakhe esitsha? (1)
- 8.1.7 Kwisikolo esitsha uThobile asiwe kuso uphinde wavukwa bubusela bakhe. Ngqina oku. (1)
- 8.1.8 Wayebambe esiphi isikhundla uMdesalini kwisikolo sokuqala awayefunda kuso uThobile? (1)
- 8.1.9 Yintoni uMdesalini angazange ayithande mhla wayehambele esikolweni? (1)
- 8.1.10 UThobile waba neempembelelo ezimbi nakwabanye abantwana kwisikolo saseCwele. Cacisa oku ungqiyame ngebali. (2)
- 8.1.11 Abazali bakaThobile babesibona njani isimo sikaThobile? (2)
- 8.1.12 Utata kaThobile ungumzali othanda imfundo. Yinyani okanye bubuxoki? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 8.1.13 Ubukrelekrele bukaThobile kwibanga lesithathu bubuchaphazela njani ubudlelwane bakhe notitshalakazi weli banga? (2)
- 8.1.14 Lanyhashwa njani ilungelo lokufunda likaThobile ngutitshalakazi wakhe? (2)
- 8.1.15 Ukuba ubungutitshala uXakanisekile wawuza kuthatha esiphi isigqibo ngoThobile? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

ISICATSHULWA B

8.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Itutu laseTikitiki

Emva kweenyanga ezintandathu ufumene umsebenzi wokuhlamba nokugada izidumbu kumzi wabangcwabi. Lo msebenzi uThobile uwenze ngocoselelo nondiliseko ekuhombele ngendlela efanelekileyo ukufa, kungekho nencinane into anokuyiba. Uye ngoku wangenwa ngumkhuba ombi wokuba izidumbu ngokwazo nakuba ubengazi ukuba angayenza njani imali ngazo. Ngobunye ubusuku ubanjwe ngamapolisa akuTsolo etyathe isidumbu. Amapolisa acinge ukuba utyathe umntu ambulele ngokwakhe. Akhe amvalela amncwina koko yaphuma ngokukhawuleza inyaniso exela ukuba usebenza kumzi wezidumbu, yaye isidumbu abanjwe naso ebegqibe kwelokuba asithengisele abafelwe, kuba imali ahlawulwa yona incinane.

Ngomhla wetyala abantu bakuTsolo baphuma ngendlu bezimisele ukuzivela isimanga setutu laseTikitiki. Abantu bebemsongele ummangalelwa ukuba mhla nje wawuthi cakatha owakhe umcondo ngaphandle kwenkundla baya kumdlala ngamazinyo. Umantyi uliphulaphule ityala lokubiwa kwesidumbu weva neenjongo zobo busela. Umtshutshisi wenze isicelo sokuba umantyi amgwebe amthumele kwesimnyama isisele ummangalelwa lowo. Umantyi unike isigwebo sokuba ummangalelwa akhe athunyelwe kwisibhedlele sabantu abagula ngengqondo kuba obakhe ubututu ingasibubo obo buqhelekileyo. Lehle emkhumbini linyalasa itutu laseTikitiki kubonakala phofu ukuba aziqhwabanga nyhani.

- 8.2.1 Wawufumana emva kwexesha elingakanani uThobile umsebenzi kulo mzi wezidumbu? (1)
- 8.2.2 Lo msebenzi uThobile wayewenza kakuhle ewuhloniphile. Caphula ibinzana elibonisa oku. (1)
- 8.2.3 Wabanjelwa ntoni ngexesha aphantela kulo mzi wezidumbu? (1)
- 8.2.4 Chaza indlela amapolisa ambhaqa ngayo ukuze ambambe. (2)
- 8.2.5 Sizathu sini awasinika amapolisa ngoku ukuxele kumbuzo 8.2.3. (2)
- 8.2.6 Abantu baba nomsindo kakhulu sisenzo sikaThobile sobusela. Ngqina oku. (2)
- 8.2.7 Izimvo zomtshutshisi nomantyi zazibethabethana malunga nesigwebo esifanele uThobile. Zixele. (2)
- 8.2.8 Isigwebo sikamantyi saba luncedo kuThobile? Ngqina oku. (2)
- 8.2.9 Mfundiso ni eveliswa leli bali? (1)

[35]**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

ICANDELO D: ISIHOBE – VUKANI MADODA KUSILE

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI.

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UKUNGCWATYWA KWETALENTE – C Nqakula

- | | |
|----|--|
| 1 | Ndithi ndakucinga indlela endiphile ngayo emhlabeni, |
| 2 | Ubomi endingenakho ukuthetha ngabo ngeqhayiya, |
| 3 | Kuba kungekho msebenzi mhle endithi ndiyawushiya |
| 4 | Njengokuba sendisondele kangakanana ngoku ekufeni, |
| 5 | Ndiqonde ukuba bendinokuzidla okukhulu emphefumleni |
| 6 | Okwenze ukuba ndingabi nasipho ndisinikezela eluntwini |
| 7 | Ngeenjongo zokuphucula isizwe sam ezizweni, |
| 8 | Ukuze singabi sosizwe sabangqibi , sihluthe esiswini. |
| 9 | Umntu ngamnye uyintsika nomsimelelo wabanye, |
| 10 | Kumntu ngamnye ebomini kulindeleke imisebenzi |
| 11 | Eza nempucuko nempumelelo nempilo nakwabanye, |
| 12 | Kuba kaloku sonke emhlabeni singabakhonzi. |
| 13 | Inkonzo yethu mayityhutyhe ilizwe; |
| 14 | litalente zethu mazikhonze isizwe. |

- 9.1 Chonga umqolo obonisa ukuba imbongi sele iza kufa. (1)
- 9.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.
Igama italente lithetha ...
- A Ubukrelekrele.
B Isiphiwo umntu anaso.
C Ubudenge. (1)
- 9.3 Nika igama elithetha into enye neli, 'umsimelelo'. (1)
- 9.4 Imbongi ithetha ukuthini xa ithetha ngokungcwatywa kwetalente? (2)
- 9.5 Chaza ukuba igama elibhalwe ngqindilili lithetha ukuthini ngokwalapha kulo mbongo. (1)
- 9.6 Yeyiphi eyona nto iphuhliswa yimbongi kwimiqolo emine yokuqala? (2)
- 9.7 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi umntu ngamnye uyintsika nomsimelelo womnye? (2)
- 9.8 Ngowuphi umyalezo odluliswa yimbongi kulo mbongo? (2)
- 9.9 Lo mbongo uvuselela ntoni kuthi? (2)

- 9.10 Nika intsingiselo yemiqolo emi-2 yokugqibela. (2)
- 9.11 Chaza indlela izitanza ezakheke ngayo kulo mbongo. (1½)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UMANYANO – Z S QANGULE

- | | |
|----|--------------------------------------|
| 1 | Ubuhlobo babo yindima yobobo, |
| 2 | Ubuhle babo ngamagqabi ehlobo. |
| 3 | Zimvo zabo bubunzulu bolwandle, |
| 4 | Qilimba lwazo ntsimbi yesinyithi. |
| 5 | Izivondoviya zemihla zenza ingxolo, |
| 6 | Zigxutsha kutsho kube bubutyobo. |
| 7 | Bona basala beme njengezikhondo, |
| 8 | Kaloku ezantsi iingcambu zibambene. |
| 9 | Zavela ziphefumlelana ngamoya mnye, |
| 10 | Kuba zingqubeka matyeni manye. |
| 11 | Ningalibali zintshula mbewini inye, |
| 12 | Kwasekuqaleni zihamba ndlela inye, |
| 13 | Bathi igazi liyajiya kunamanzi, |
| 14 | Kanti iingcambu ziyafunxa kunamanzi. |

- 10.1 Khetha impendulo echanekileyo: Lo mbongo ...
- A Ngumbongo-mbaliso.
- B Yibhaladi.
- C Yisonethi. (1)
- 10.2 Nika isizathu sempendulo oyikhethe kumbuzo 10.1. (1)
- 10.3 Kumqolo wokuqala imbongi ilubonisa lunjani umanyano? (2)
- 10.4 Yintoni izivondoviya kumqolo wesi-5? (1)
- 10.5 Khetha igama elifanelekileyo kwisibini esikwizibiyeli.
- Amagqabi ehlobo (aba luhlaza/ayoma). (1)
- 10.6 Imbongi iluveza umanyano luneziphumo ezinjani? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 10.7 Cacisa ukuba uthetha ntoni lo mqolo, 'Zimvo zabo bubunzulu bolwandle.' (1)
- 10.8 Igama, 'bubutyobo' linika wuphi umfanekiso-ngqondweni? (1)

- 10.9 Kwenzeka ntoni xa kungekho manyano? (2)
- 10.10 Safobe sini esisetyenziswe kumqolo wesi-7 kwaye siphuhlisa ntoni? (2)
- 10.11 Uthini umxholo walo mbongo? (2)
- 10.12 Ukusukela kumqolo we-11 ukuya kowe-14 imbongi isebenzise:
- A Imvanosiphelo
- B Isitanza
- C Imfanozandi

(1½)
[17½]**OKANYE****UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

INKONJANE – VV Sigonya

- 1 Ndayibon'indand'ipheph'okwengelosi.
- 2 Ndayibanga ngeliso ndathi yeyam.
- 3 Mpiko zayo zaphendlwa-phendlwa;
- 4 Ngumoy'ongephi zityhil'ubumbejembeje.
- 5 Ndayibonga ndagqiba ngentliziyo.
- 6 Ndafihl'izikhwazo ndisoyik'uluntu.
- 7 Yandimemez'ibik'udaba.
- 8 Yavakal'intlontl'ingqay'ubomi bam.
- 9 Wavakal'umoya wentumekelelo.
- 10 Zagungq'iingcango zentliziyo.
- 11 Lwabeth'ualo lundityel'uba yeyam.
- 12 Umoya wembala nawo wandinqinela.
- 13 Ndayondela; ndayijonga; ndayiphonononga;
- 14 Ndafik'iyimfezek'ingqibelelo.
- 15 Yayizotyawe ngenene ngemini yehlobo
- 16 Yabuthabatha bonk'ubume bam.
- 17 Ndalama ndakondela eso sihlwithi.
- 18 Ndadandatheka ndakubon'eso sifuba.
- 19 Ndawubon'umandlalo wenzala yam umntyinga-ntyingana.
- 20 Isisila sona sixhentsa mva.
- 21 Luqhotyoshelwe kweso sithuba ke olu lwimi
- 22 Ndithethe ndagqiba kodwa hayi intlokomo.
- 23 Ndazibona ndindodwa ndisemehlwen'oluntu.
- 24 Ndanyalasa; ndingqola-ngqola; ndibheshuza;
- 25 Ngomphefumlo ndingaboni mntu.

- 11.1 Xela isafobe esifumaneka kumgca woku-1. (1)
- 11.2 Ukusetyenziswa kuka-nd kwezi zenzi; 'Ndayibona ndayibanga' kubonisa ntoni? (1)
- 11.3 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo ibenye kwezi zibiyelweyo.
Kulo mbongo imbongi ibonga umntu (oyindoda/olusana/obhinqileyo). (1)
- 11.4 Cacisa okuthethwa ngumqolo wesi-7. (2)
- 11.5 Ngowuphi lo moya wentumekelelo imbongi ithetha ngawo kumgca we-9. (1)
- 11.6 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo we-10. (1)
- 11.7 Ukuphindaphindwa kwegama, 'yeyam' kubonisa ntoni? (2)
- 11.8 Igama, 'ndayiphonononga' kumqolo we-13 linika umfanekiso wemeko enjani? (2)
- 11.9 Umqolo we-13, 'ndayondela, ndayijonga, ndayiphonononga,' ubonisa ntoni ngembongi? (2)
- 11.10 Zibakho kweliphi ixesha lonyaka iinkonjane? (1)
- 11.11 Thelekisa umongo wesitanza sesi-4 nowesitanza sesi-5 (2)
- 11.12 Ukusetyenziswa kwebinzana, 'iyimfezek'ingqibelelo' kube nafuthe lini kulo mbongo? (1½)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

BAFANA BAFANA – S Xayimpi

- 1 Bafana bafana!
- 2 Bafana bafana!
- 3 Ndizani bafana bafana, ndizani!
- 4 Ndizani bafana bafana, ndizani!
- 5 Ngamayeyeye, yimincili!
- 6 Yintswahla-a-a-a!
- 7 Bawinil'abafana bafana, bawinile!
- 8 Bawinil'abafana bafana, bawinile!
- 9 Laduma bafana bafana, laduma!
- 10 Bafana bafana!
- 11 Bafana bafana!
- 12 Uyabulele'uMzantsi Afrika,
- 13 Ngezi ngqu nizenze kweli lizwe;
- 14 Uthi: Phambili makhwenkwe kaRholihlahla, phambili!
- 15 Phambili makhwenkwe kaRholihlahla, phambili!

- 16 Yiyo loo nto sisithi: ndizani bafana bafana, ndizani,
- 17 Ndizani Bafana Bafana, ndizani,
- 18 Niye phesheya kolwandle niy'okuphumelela indebe yehlabathi.
- 19 Huntshu Bafana Bafana, huntshu!
- 20 Huntshu Bafana Bafana, huntshu!
- 21 Hee!! Hee!! Hee!!

- 22 Aa! Rholihlahla!
- 23 Aa! Rholihlahla!
- 24 Uyabulele'uMzantsi Afrika
- 25 Ngokuphuhlisa uqoqosho apha kule Afrika.
- 26 Sithi phambili Mandela!
- 27 Phambili Rholihlahla!
- 28 Huntshu Bafana Bafana, huntshu!
- 29 Huntshu Bafana Bafana, huntshu!
- 30 Yagqum'ingonyama yoMzantsi Afrika, yagquma
- 31 Hee! Hee!

- 32 Yagqum'ingonyama kaDoctor Khumalo,
- 33 Yagqum'ingonyama kaMark Fish,
- 34 Yagqum'ingonyama kaTshipa Masinga,
- 35 Yagqum'ingonyama kaMark Williams,
- 36 Ndee gram, nonke grum!!
- 37 Qongqololo!

- 12.1 Khetha igama elikwisitanza sokuqala kulo mbongo elibonisa ukuba abantu benza ingxolo. (1)
- 12.2 Kutheni umbhali esithi uMzantsi Afrika uyabulela? (1)

- 12.3 Nika amagama abadlali babebabini abakhankanyiweyo kulo mbongo. (2)
- 12.4 Khetha impendulo kula magama abielweyo.
Ukusetyenziswa kwezikhuzo kulo mbongo kuphuhlisa ukuba imbongi (ikhathazekile/yothukile/inemincili). (1)
- 12.5 Igama elithi 'Huntshu' lisetyenziswa xa kutheni? (1)
- 12.6 Bhala igama elibolekwe kolunye ulwimi elikwisitanza sokuqala. (1)
- 12.7 Cacisa ukuba igama elithi 'ndizani' libhekiselele entweni. (2)
- 12.8 Ucinga ukuba kutheni imbongi incoma uMandela kulo mbongo. (2)
- 12.9 Igama, 'phambili' linantsingiselo ni kulo mbongo? (2)
- 12.10 Chaza ukuba igama elikrwelelwe umgca kumqolo we-13 lithetha ukuthini. (1)
- 12.11 Eli gama lithi, 'makhwenkwe' ilisebenzise njani imbongi? (1)
- 12.12 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? (1)
- 12.13 Kutheni imbongi isebenzisa ulwimi olulula nje kulo mbongo? (1½)
[17½]

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70